



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD



Western Cape
Government

BETTER TOGETHER.

ISIKHOKELO SOKHUSELEKO EMSEBENZINI **SECVID-19**

NCEDA UKUNQANDA UKUSASAZEKA




Senza inkubela yenzeke. Sisonke.






Iziqulatho

1. Imitetho emihlanu esisiseko yokwehlisa ukuba sesichengen i kwiCovid-19 emsebenzini	4
2. Amanyathelo anokusetyenziswa ukulungisa indawo yokusebenza	6
2.1. Qhuba uvavanyo lomngcipheko kwindawo yokusebenza	6
2.2. Qhuba uvavanyo lomngcipheko kubasebenzi	7
2.3. Qeqesha abasebenzi	8
2.4. Qiqinisekisa ukuba okulandelayo kuyafumaneka	10
3. Ukuthintela usulelo lwentsholongwane yecorona ngexesha lokusebenza emsebenzini	12
3.1. Ukuholwa yonke imihla kwabasebenzi njengoko befika emsebenzini	12
3.2. Ukuya emsebenzini	13
3.3. Indawo zokungena/zokuphuma emsebenzini zabasebenzi	14
3.4. Ukuqeletana emsebenzini	15
3.5. Indawo yokungena yabaxumi	16
3.6. Imigca okanye iindawo zokulinda zabaxumi	17
3.7. Lipaseji neendawo zokuhamba phakathi kwezithuba zokusebenza	18
3.8. Ukuhlanjwa rhoqho kwezandla kunye namanyathelo ezococeko	18
3.9. Ukusebenzisa imaski zobuso zamalaphu	19
3.10. Ukusetyenziswa kwezogqumi zobuso okanye iihelmethi	20
3.11. Ukusebenzisa iiglavu	21
3.12. Indawo zeenkonzo zabathengi	22
3.13. Ikhantini okanye amagumbi ekhefu abasebenzi	23
3.14. Amagumbi angasese abasebenzi nabaxumi	24
3.15. Impahla yokusebenza	25
3.16. Ukungena nokuphuma komoya	25
3.17. Ukuocwa yonke imihla kwesiqhelo nolawulo lwenkunkuma	26
3.18. Ukwamkela impahla eziphuma kubaboneleli	27



4. Ukulawula abasebenzi abosulelwyo okanye ekungenzeka ukuba bosulelwyo yiCovid-19	28
4.1. Ukuxhasa abasebenzi abosulelwyo yi-Covid-19 kanye nokunceda ngobahlalisa bodwa	29
4.2. Ukuxhasa abanye abasebenzi kanye nokulungiselela ululeko ngqondo	31
4.3. Ukuxela usulelo kumasebe elezeMpilo neleMisebenzi	32
4.4. Ukufumanisa ukuba wosuleleke njani umsebenzi	33
4.5. Ukufumana abo anokuba ubosulele umsebenzi	34
4.6. Ukunceda ekulanelweni kwabo bekudityenwe nabo nokubekelwa bucala abo bachaphazelekileyoo	35
4.7. Uhlolo oluqhubayo lwabasebenzi ukubona ukubona iimpawu zosulelo Iwentsholongwane yecorona olunokuba luhkhona	36
4.8. Amanyathelo okuthintela naluphi usulelo olungaphaya	37
4.9. Ukuvalwa kwexeshana okunokwenziwa kwindawo yokusebenza	38
4.10. Ukuvalwa kwakhona kwendawo yokusebenza	40
4.11. Ukuvalwa kwakhona eyosulelekileyoo	41
5. Izikhokelo ngqo zamacandelo awohlukaneyo	42



Isikhokelo sokhusaleko emsebenzini seCovid-19



1. Imigaqo emihlanu esisiseko yokwehlisa ukuba sesichengeni kwiCovid-19 emsebenzini



1. Ukuzikhwebula kwabanye abantu.

- Ukusebenzela ekhaya apho kwenzekayo.
- Hlala ekhaya ukuba awuphilanga.



2. Ziqhelanise nokuma qeletele kwabanye abantu.

- Gcina ubuncinane bomgama oyi- $1\frac{1}{2}$ yemitha (ubude beengalo ezimbini) kude nabanye abantu xa kufuneka usebenze okanye ubancede.
- **MUSA** ukuxhawula izandla, ukuhaga okanye ubethanise inqindi okanye ubethanise ingqiniba. Zigcine uvule umgama.



3. Ziqhelanise nococoeko olulungileyo.

- Khoylelela okanye uthimlela kwingqiniba yakho okanye kwithishu. Faka ithishu ngoko nangoko emgqomeni otywiniweyo uze uhlambe izandla zakho.
- Ungaphathi ubuso bakho ngezandla ezingahlanjwanga.





4. Ukuhlamba okanye ukubulala iintsholongwane ezandleni zakho rhoqo.



- Hlamba izandla zakho ngesepha namanzi imizuzwana engama-20.
- Xa ingekho isepha namanzi, hlikihla izandla zakho ngesibulala ntsholongwane sezandla esine-70% ye-alkoholi.
- Hlamba izandla zakho rhoqo emva kokuphatha abantu kunye nemiphezulu nezinto eziphathwa rhoqo.

5. Faka imaski yobuso yelaphu.



- Faka imaski yobuso eyogquma impumlo nomlomo wakho.
- Ungayiphathi imaski wakube uyifakile.
- Yiyeke imaski ngalo lonke ixesha, ngaphandle kwaxa kufuneka utye okanye usele. Xa usitya okanye usela, yisuse ngononophelo imaski ngokusebenzisa imitya uze uyibeke kwibhegi yephepha okanye yeplastiki ecocekileyo.






2. Amanyathelo anokusetyenziswa ukulungisa indawo yokusebenza

2.1. Qhuba uvavanyo lomngcipheko kwindawo yokusebenza

- Fumana uncedo lwabasebenzi bempilo nokhuseleko emsebenzini benkampani, apho bakhoyo. Ukuba abekho, cinga ngokonyula amalungu abasebenzi ukuba basebenze kwesi sikhundla ukuqinisekisa ukuba unxibelewano nokuthatha uxanduva okucacileyo.
- Misela iindawo ekunokwenzeka ukubaabantu badibane kuzo, kunye neendawo ukudibana kwabantu kunye nezinto kunokwenzeka kuzo.
- Kwindawo nganye, cinga ngamanyathelo anokusetyenziswa ukunyina ukudibana kunye nokubulala intsholongwane emva kokudibana.
- Cinga ngemimandla engundoqo elandelayo:
 - Lindawo zokungena abasebenzi
 - Amagumbi okutshintshela namagumbi aneelokhari
 - Lindawo zokungena abathengi
 - Indawo zokusebenzela
 - lipaseji
- Indawo zeeshelfu
- limimandla yeenkonzo zabathengi
- lindawo zeentlawulo
- linkantini okanye amagumbi ekhefu abasebenzi
- Izindlu zangasese zabasebenzi
- Izindlu zangasese zabathengi
- Imimandla eyamkela impahlia
- Imimandla egcina inkunkuma
- Thathela ingqalelo amanyathelo angundoqo alandelayo:
 - Ukuhlela ngokutsha iindawo zokusebenzela (imiphezulu, iidesika, iizitulo oomatshini)
 - Ukubeka iziphawuli emgangathweni ngeteyiphu okanye ipeyinti ukohlula amakhefue-1½ yemitha
 - Ukwenza kufumaneneke isibulala ntsholongwane sezandla kunye nezikhulul zokuhlamba.
 - Ukubeka izikhombisi
 - Ukohlula amakhefue ezidlo zasemini kunye naweti abasebenzi ukwenza ukuba kwenzeke ukuqevelana


2.2. Qhuba uvavanyo lomngcipheko kubasebenzi

- Fumana inkxaso yabasebenzi bempilo nokhuseleko emsebenzini benkampani yakho kwaye kwensiwe uvavanyo lomngcipheko kubasebenzi. Injongo kukukhangela abasebenzi abasemngciphekweni ophezulu wokufumana ukugula ngokuxhalabisayo, abangaba:
 - abaneminyaka engama-60 nangaphezulu ubudala;
 - abafunyaniswe beneswekile okanye uxinzelelo oluphezulu lwegazi;
 - abanesifo sephepha esinokosulela (TB);
 - abane-HIV engalawulwayo;
 - abanesifo semiphunga abaphila naso (umzekelo isifuba, izingxobo zemiphunga ezonakeleyo, isifo semiphunga esingapheliyo eso imibhobho yomoya yonakeleyo (chronic obstructive pulmonary disease) (COPD), isifo semibhobho yomoya esingapheliyo);
 - onezinye izifo aphila nazo; okanye
 - okunyango lokucinezela amajoni omzimba.
- Yenza amalumngiselo wokuba aba basebenzi mhlawumbi basebenzele emakhaya, kwimimandla engekho semngciphekweni ophezulu okanye babekwe kwikhefu elikhethekileyo.
- Chonga abasebenzi abanokusebenzela emakhaya, ubenze bakwenze oko.
- Lungisa iinkqubo zokusebenza kunye noyilo lwsithuba sokusebenzela ukunciphsa ukudibana phakathi kwabasebenzi ngokunjalo naphakathi kwabathengi nabasebenzi.
- Beka abasebenzi kumaqela okanye kwiishifti, kwaye unciphise ukudibana namanye amaqela kunye neeshifti.
- Ungasusi abasebenzi phakathi kwamaqela neeshifti.
- Nyula abaphathi okanye iimanejala zihlolle bonke abasebenzi okanye iimpawu kunye nokuba sesichengeni kwintsholongwane yecorona xa bengena emsebenzini.



2.3. Qeqesha abasebenzi

- Qeqesha kwaye ufundise abasebenzi (ubuncinane) oku kulandelayo:
 - Isasazeka njani iCovid-19
 - limpawu zosulelo lweCovid-19
 - Into omawuyenze xa ukrokrela ukuba uneCovid-19, ubakhuthaza ukuba babazise emsebenzini ukuba baneempawu okanye bebesesichengeni kumntu onentsholongwane
 - Ngawaphi amanyathelo ekufuneka athathwe ukuthintela ukusazeka kweCovid-19
 - Bazifaka, bazikhulule, kwaye bazicoce njani iimaski zabo zobuso zamalaphu kanye nayo yonke enye impahla yobuqu yokuzikhusela (personal protective equipment) (PPE) abanokuba bayayisebenzisa
 - Bangaze basebenzise kanye i-PPE
- Nyanelisa uqequesho kanye nemiyalezo yarhoqo kanye nokuboniswa kweempawu neeposta ezifanelekileyo.
- Imathiriyeli yonxibelelwano ngothintelo lweCovid-19 kufuneka iboniswe ngokubonakalayo kwindawo ezininzi. Ukuba awunayo nayiphi imathiriyeli, yiya ku- <https://coronavirus.westerncape.gov.za/resources> ukudawunloda kwaye uprinte izinto ezithile eziluncedo.
- Iwebhusayithi engentla inika imathiriyeli yonxibelelwano kuluhlu lwemisebenzi yothintelo - ukusuka eskusetyenzisweni kweemaski ukuya ekucocweni kwemimandla, ukuba wenzani xa ugula, uzihlalela njani wedwa, uziqhelanisa njani nokuqeleta, ukusetyenziswa kwezitika ukohlula amakhefu e-1½ yemitha, ukuhlanjwa kwezandla kanye nokunye okungaphaya. Imathiriyeli eninzi ifumaneka ngesiNgesi, isiXhosa nesiAfrikaans, kwaye eninzi ingohlobo lwe-PDF okanye i-JPEG ukuze iprinteke ngokulula kanye nokusetyenziswa.



- Ukusetyenziswa kwemathiriyeli enophawu lukarhulumente kuyakhuthazwa, nokuba kunye nayo imathiriyeli enophawu lwenkampani.
- Ukuba unesibhengezo sikawonke-wonke, isipikha okanye enye inkqubo enokuviva efakiwe (umzkl. unomathotholo osevenkileni okanye inkqubo yesandisi-zwi), yisebenzise ukukhumbuza abasebenzi kunye nabathengi ngamanyathelo okhuselo.
- Imiyalezo yarhoqo esebenza njengesikhumbuzi kubasebenzi nakubathengi, kwaye ebenza ukuba bancede indawo yokusebenza ithobele amanyathelo okhuseleko.
- Ukukhuthaza ngamandla indlela ekhathalayo nenovelwano ukwehlisa ingozi yokubekwa ibala emsebenzini.




Isikhokelo sokhuseleko emsebenzini seCovid-19



2.4. Qiqinisekisa ukuba okulandelayo kuyafumaneka:

- Isibulala ntsholongwane sezandla esine-70% ye-alkoholi kwindawo ezikhethiwego.
- Apho kwenzekayo, isibulala ntsholongwane sezandla esisekelwe kwialkoholi kumsebenzi ngamnye ukuba ngaba kufuneka bajikeleze ngaphakathi okanye kufuneka bahambe emsebenzini (umzkl. abaqhube).
- Ubuncinane imaski zobuso ezimbini ngomsebenzi.
- Isitokhwe esoneleyo sesibulala ntsholongwane sezandla, isepha, iitawuli zamaphepha, umgqomo wokulahla amaphepha kanye nenyenimathiriyeli yokucoca.
- Iiyunifom ezonegezelekileyo okanye impahlala yasemsebenzini kubasebenzi.
- Igumbi lokutshintshela elibukhulu boneleyo lokuba abasebenzi bakhulule impahlala yabo yokusebenza kwaye bayibeke ngokwahlukileyo kwenye.







3. Ukuthintela usulelo lwentsholongwane yecorona ngexesha lokusebenza emsebenzini


3.1. Ukuhlolwa yonke imihla kwabasebenzi njengoko befika emsebenzini

- Ngokufanelekileyo, abasebenzi kufuneka bazihihole ngokwabo emakhaya phambi kokuphuma baye emsebenzini. Ukuba baneempawu, kufuneka batsale umnxeba besazisa imanejala okanye umphathi wabo.
- Impawu zikuquka umkhuhlane okanye ingqele, ukhohlokhohlo olutsha, umqala obuhlunu, iphika, iingqaqambo zomzimba, ukungaliva ivumba okanye inkcasa, ubucaphucaphu, ukugabha kunye nokuhambisa.
- Ukuba baneempawu, abasebenzi kufuneka baqhagamshelane nomsebenzi wokhathalelo lwempilo ukuze bahlolwe, okanye batsalele umnxeba woncedo wephondo kwiCovid-19 ku-**021 928 4102**.
- Ekufikeni kwindawo yokusebenza, bonke abasebenzi kufuneka bahlolwe yonke imihla ukuchonga abo banokuba bavele naziphi zeempawu ezingentla.
- Nabani na onezi mpawu kufuneka angavunyelwa ukuba aqalise ukusebenza. Kufuneka bohlulwe kwabo basebenza nabo babekwe kwigumbi elingena kwaye liphume umoya ngokufanelekileyo, banikwe imaski yezonyango okanye yelaphu kwaye bacelwe ukuba bahlambe izandla zabo, banikwe ulwazi ngokuzihlalela bebobwa emakhaya kwaye kuhlolwe ukuba bayakunda na oko, ekuggibeleni, bahanjiswe baye emakhaya ngokukhuselkileyo.
- Abasebenzi kufuneka babuzwe ukuba bebekhe basondelelena (umgama ongaphantsi kwe-1m imizuzu engaphezulu kwe-15) nomntu oneCovid-19. Ukuba ewe, akufanelekanga ukuba basemsebenzini, kodwa kufuneka bahlale bodwa bucala.



3.2. Ukuya emsebenzini

- Abasebenzi abahamba ngesithuthi sikawonke-wonke okanye ngesithuthi sabasebenzi, esifana neteksi eyikhumbi okanye ibhasi, kufuneka bahlale kude kangangoko kwabanye abakhweli.
- Ngokwemigaqo yakutsha nje, izithuthi zikawonke-wonke zingagcwaliswa zifikelele kumthamo ongu-100% ukuba uhambo lungaphantsi komgama oyi-200 km kunye ne-70% ukuba uhambo lungaphezulu kwe-200km.
- Abasebenzi kufuneka bafake iimaski zamalaphu maxa onke xa behamba ngesithuthi sikawonke-wonke.
- Kufuneka bahlikihle izandla zabo ngesibulala ntsholongwane esisekelwe kwialkoholi phambi ngokungena kunye nasemva kokwehla kwisithuthi.
- Abasebenzi kufuneka bakhuthazwe kananjalo ukuba balandele indlela "yokungaphathi" xa bengena kwaye bephuma kwisithuthi ngokudibanisa izandla zabo zibe ngaphambi kwabo.



Isikhokelo sokhuseloko emsebenzini seCovid-19

13



3.3. lindawo zokungena/zokuphuma emsebenzini zabasebenzi

- Sebenzisani indawo yokungena/yokuphuma enye kangangoko kunokwenzeka.
- Ungavumeli abasebenzi bahlangane kwindawo yokungena/yokuphuma abasebenzi.
- Ukuba iminyango ayizihambeli, yigcine ivuliweapho kwenzekayo. Oku kuza kunciphisa ukuphatha amaqhaga eengcango. Aphioku kungenzekiyo, cinga ngokubeka umsebenzi (umzkl. unogada) emnyango ukuba avulele bonke abasebenzi kunye neendwendwe.
- Abasebenzi neendwendwe abangena emsebenzini kufuneka babulale iintsholongwane ezandleni zabo kunye naxa bephuma kwakhona, ingakumbi ukuba baphathee amaqhaga eengcango.
- Iimfuneko zokungena ngokusebenzisa iimpawu (uphawu lokuba lomnwe) kufuneka zigasetyenziswa okanye zifakwe isanithayiza ngaphambi nasemba kokusetyenziswa.



14

Isixeko Sasekapa





3.4. Ukuqelelana emsebenzini

- Cutha inani labantu emsebenzini (kuquka abasebenzi nabaxumi) ibe ngumntu omnye nge- 6 m² (ummandla opheleleyo womgangatho wohlulwe ngesi-6). Eli nani liyavumela kuwo nawuphi ummandla womgangatho onokufakwa oneeshelufa, oomatshini nokufakelwego evenkileni.
- Kwakube kufikiwe kwisininzi senani (njengomntu omnye kwi-6 m²), abantu abongezelelekileyo kufuneka bavunyelwe ukungena kuphela xa abanye bephuma.
- Zilungise kwakhona iindawo zokusebenza ukuze umsebenzi ngamnye abe nokugcina umgama we-1½ yemitha kwabanye (abanye abasebenzi kunye nabathengi).
- Ukuba ngeke zihlelwwe kwakhona izithuba zokusebenzela, nyina inani labasebenzi kwisithuba sokusebenza ngokuvumela bonke abasebenzi abangakwazi ukusebenzela emakhaya ukuba benze njalo, kunye/ okanye ukuhlela kwakhona iipateni zokusebenza ukuze abasebenzi babe nokusebenza iishifti okanye iintsuku ezizezinye.
- Xa kusenzeka, abasebenzi kufuneka bangasebenzisi kunye imiphezulu yokusebenzela okanye basebenzise oomatshini abanye. Nceda ukhumbule ukuba iindawo zokusebenzela kunye noomatshini ekusebenza kubo abantu abaninzi kufuneka bacocwe phakathi kweeshifti okanye emva kokusebenzisa ngakunye.
- Khusela abasebenzi ekubeni badibane namaqela amakhulu abo basebenza nabo ngokugcina amaqla amancinane kwaye bangatshintshi phakathi kwabo.
- Kuphephe ukuxhawulana, iihagi kunye nokudibana koboqu nabantu. Bulisa abantu ngoncumo, unqwale, ugobe okanye uweyive.
- Hlisa intshukumo yeemanejala nabaphathi phakathi kwendawo zokusebenzela nanini kusenzeka. Xa kufunwa ukuba batyelele indawo yokusebenzela, kufuneka baphephe ukuphatha imiphezulu.



3.5. Indawo yokungena yabaxumi

- Sebenzisani indawo yokungena/ yokuphuma enye ekude kangangoko kunokwenzeka ukuququzelela ulawulo lokungena. Ukuba iminyango ayizihambeli, yigcine ivuliwe.
- Nabani na ongena kwizakhiwo kufuneka afake imaski yelaphu.
- Nabani na ongena kwizakhiwo (abathengi nabasebenzi kufuneka babulale iintsholongwane ezandleni zabo Kunye naxa bephuma kwakhona.
- Umsebenzi obekwe kwindawo yokungena unokuyalelwa ukuba atshize isibulala ntsholongwane ezandleni zabantu abangenayo/ abaphumayo kwizakhiwo. Oku kuza kuthintela abantu abaninzi ekubeni baphathe ibhotile yesibulala ntsholongwane sezandla.
- Thintela abantu ukuba bangene kwizakhiwo ukuba sebebaninzi kakhulu abantu abangaphakathi. Vumela isininzi somntu omnye (kuquka abasebenzi nabathengi) nge-6 m².



16

Isixeko Sasekapa





3.6. Imigca okanye iindawo zokulinda zabaxumi

- Cutha imigca ngokuthi umisele inkqubo yokwenza i-apoyintimenti xa kusenzeka.
- Apho imigca ingaphephekiyo, qiniseka ukuba abaxumi bagcina umgama wokuqevelana ngokubeka iziphawuli emgangathweni ukohlula amakhefu e-1½ emitha. Nyanelisa oku ngokubonisa ngemiqondiso efanelekileyo kunye nokubeka umsebenzi obeka iliso ekubeni kugciniwe na ukuqevelana.
- Ukuba kusetyenziswa indawo yokulinda ekuhlalwa phantsi kuyo, hlalisu abantu kude kwabanye kwaye unyine inani labantu abanokuhlaliswa kwindawo yokulinda. Ukuba igcwela, khuthaza iiklayenti ukuba zenze i-apoyintimenti zibuye mva endaweni yokuma emgceni ngaphandle kwindawo yokulinda.
- Sula izitulo kwindawo yokulinda ngomxube onama-70% e-alkoholi emva kokusetyenziswa ngakunye.
- Kumadererhu eevenkile nakwiimoli, thetha nabala wuli bodererhu okanye beemoli kunye/okanye iivenkile ezithengisayo ezikufutshane ukuba imigca iqala ukuba mide ngaphandle kweevenkile ukuqinisekisa ukuba kukho isithuba esoneleyo phakathi kwemigca.



Isikhokelo sokhusaleko emsebenzini seCovid-19

17



3.7. Iipaseji neendawo zokuhamba phakathi kwezithuba zokusebenza

- Thintela ingxinano yabasebenzi nabathengi (umzkl. iivenkile neendawo ezigcina impahla) ngokuphawula amakhfu e-1½ emitha emgangathweni kwiipaseji nakwizithuba zokuhamba ngokuqhelekileyo ezixakekileyo.
- Khetha icala lokuhamba epasejini kunye nakwizithuba zokuhamba (njengokwenza ipaseji iye "kwicala elinye") ngokubeka iintolo, ukuba kuyenzeka.
- Thintela ukugcwala okugqithisileyo ezipasejini ngokunyina ukugcaliswa kweeshelufa ngexa leeyure zorhwebo, okanye ngokuvala iipaseji xa kufakwa isitokhwe.
- Ungavali iipaseji kunye nezithuba zokuhamba ngeebhokisi okanye oomatshini.

3.8. Ukuhlanjwa rhoqho kwezandla kunye namanyathelo ezococeko

- Qinisekisa ukuba izibonelelo ziyanfumaneka kubo bonke abasebenzi kunye nabathengi/iindwendwe ukuba bahlambe izandla zabo okanye basebenzise isibulala ntsholongwane sezandla esisekelwe kwialkohli qho.
- Khuthaza abasebenzi ukuba baphathe ezabo izibulala ntsholongwane zezandla, okanye babanike, ukuthintela abantu abaphatha isiqulathi esinye.
- Apho kungeke kuphetshwe ukudibana buqu phakathi kwabasebenzi nabathengi, njengokuthatha okanye ukunika imali okanye amakhadi ekhredithi, abathengi kufuneka banikwe isibulala ntsholongwane sezandla esisekelwe kwialkohli ukucoca izandla zabo phambi kokuba bancedwe. Tshiza isibulala ntsholongwane sezandla ezandleni zabo - ungabaniki isiqulathi sesibulala ntsholongwane.
- Abasebenzi kufuneka bahlambe kananjalo izandla zabo emva kokuphatha abantu kunye(okanye imiphezulu nezinto.





3.9. Ukusebenzisa imaski zobuso zamalaphu

- Nabani na ophumayo (kuquka neendawo zokusebenzela) kufuneka afake imaski yobuso yelaphu.
- Umsebenzi ngamnye kufuneka anikwe iimaski zobuso zamalaphu ezimbini ukuba abe nanayo anokuyisebenzisa ngexa enye ihlanjiwe kwaye iayinwa.
- Ngaphandlle kokufaka imaski, onke amanyathelo kufuneka kubanjelelwé kuwo, afana ne- $1\frac{1}{2}$ yemitha kude nabanye kunye nokuhlamba izandla zakho qho.
- Ukuze zisebenze iimaski zamalaphu kufuneka zifakwe kakuhle, xa zifakwa kunye naxa zikhululwa. Oku kwensiwa kanje:
 - Hlamba izandla zakho phambi kokufaka imaski.
 - Beka imaski ngecalá elichanekileyo lijonge kwimpumlo nasemlonyeni wakho, uqinisekisa ukuba zombini zogqumeke ngokupheleleyo.
 - Bopha imitya ngasemva kwentloko yakho okanye, ukuba imaski inemitya yelastiki, qiniseka ukuba ilingana ngokuqinileyo.
 - Wakube uyifakile imaski yobuso yelaphu kwaye ukhululekile ngokukulingana kakuhle kwemaski,

UNGABUPHATHI UBUSO BAKHO
OKANYE IMASKI de uyikhulule imaski.

- Yigcine uyifakile imaski ngalo lonke ixesha, ngaphandle kwaxa kufuneka utye okanye usele.
- Khulula imaski ngokukhulula imitya okanye imitya yelastiki, bamba imaski ngemitya okanye ngeebhendi, uze uyibeke kwisiqulathi ize ihlanjwe.
- Ungayiphathi imaski ngqo ngokwayo xa uyikhulula.
- Ungayibeki ijikeleze intamo yakho imaski ngexa uqhuba, usitya okanye usela.
- Hlamba izandla zakho kakuhle phambi kokuyikhulula imaski.
- Hlamba imaski yakho yelaphu ngamanzi ashushu, uze uyiayine yonke imihla.
- Ukuba ngaba kufuneka uyikhulule imaski yakho ngexa losuku lokusebenza (umzkl. ngexa lamakhefu eti kunye nelesidlo sasemini) uze uyifake kwakhona, yiphathe ngemitya okanye ngeebhendi zayo zelastiki kuphela. Beka imaski yakho kwiphepha bhogi okanye kwiplastiki ecocekileyo (eneleyibhile ecacileyo yegama lakho) xa ungayisebenzisi.



3.10. Ukusetyenziswa kwezogqumi zobuso okanye iihelmethi

- Okwangoku abukho ubungqina obuxhasa ukusetyenziswa kwezikhuseli zobuso okanye iihemethi kwimo engqonge umsebenzi. Ezi zinkulu kwaye kungelula ukuba zisebenziseke, ngoko ke abasebenzi bangaziphatha rhoqho, kwaye kunokwenzeka zosulele izandla zabo.
- Ngokwethiyori, nakuba kunjalo, ziyalunika ukhuselo. Ngoko ke, abasebenzi abanqwenela ukuzisebenzisa, kufuneka bavunyelwe ukuba benze njalo, KODWA kufuneka bazisebenzise ngokufanelekileyo.
- Naxa besebenzisa iihelmethi, abasebenzi kufuneka bafake imaski ngokunjalo ukubamba nawaphi na amathontsana avela kwiimpumlo kunye nemilomo yabo.
- La manyathelo afanayo naweemaski zobuso zamalaphu kufuneka asebenze kwizikhuselo zobuso okanye iihelmethi:
 - Hlamba izandla zakho phambi kokufaka iihelmethi.
- Wakube uyifakile iihelmethi kwaye ukhululekile ngokukulingana kakuhle kwayo, UNGABUPHATHI UBUSO BAKHO OKANYE IHelmethi de uyikhulule iihelmethi.
- Yikhulule ngebhendi esesiphongweni.
- Ungayiphathi iihelmethi ngqo ngokwayo xa uyikhulula.
- Ungayibeki ibe phezu kwentloko yakho iihelmethi xa usitya okanye usela.
- Hlamba izandla zakho kakuhle phambi kokuyikhulula iihelmethi.
- Yicoce iihelmethi ngokuyosula macala omabini ngesibulala ntsholongwane esisekelwe kwialkoholi.
- Ukuba ngaba kufuneka uyikhulule iihelmethi ngexa losuku lokusebenza (umzkl. ngexa lamakhefu eti kune nelesidlo sasemini) uze uyifake kwakhona, khathalelanonophela uyiphathe ngebhendi yentloko kuphela.
- Beka iihelmethi kwindawo ekhethiweyo (ineleyibhile ecacileyo yegama lakho) xa ungayisebenzisi uze uysole ngesibulala ntsholongwane esisekelwe kwialkoholi phambi kokuyifaka kwakhona.



3.11. Ukusebenzisa iiglavu

- liglavu AKUKHUTHAZWA ukuba zisetyenziswe rhoqho ngaphandle kwemo engqonge ukhathalelo lwempilo.
- Ukuba iiglavu ziyafuneka njenge-PPE phantsi kweemeko eziqhelekileyo (ngokuxhomekeke kuhlolo lomsebenzi owenziwayo kwindawo yokusebenzela), kufuneka zihlale zinxitywa.
- Bonke abanye abasebenzi abangazifuniyo iiglavu njenge-PPE phantsi kweemeko eziqhelekileyo kufuneka bahlambe izandla zabo qho okanye basebenzise isibulala ntsholongwane sezandla esisekelwe esine-alkoholi.



21



3.12. Indawo zeenkonzo zabathengi


- Abasebenzi kufuneka babulale iintsholongwane ezandleni zabo phambi nasemva kokunceda umthengi ngamnye.
- Abathengi ngokunjalo kufuneka babulale iintsholongwane ezandleni zabo phambi kokudibana nomsebenzi.
- Kuyakhethwa ukuba umsebenzi atshize isibulala ntsholongwane ezandleni zomthengi endaweni yokumnika ibhotile yesibulala ntsholongwane.
- Izikhuseli zeplastiki okanye zeglassi zinokusetyenziswa kwindawo zeenkonzo zabathengi ukudala umqobo phakathi komthengi nomsebenzi. Oku kufuneka kuhambe nomqondiso oyalela ukuba kungaphathwa naliphi icala lesikhuseli. Omabini amacala ezikhuseli kufuneka acocwe kananjalo qho ngesepha, amanzi nesibulala zintsholongwane.
- Ilikhawuntala, oomatshini bamakhadi ekhredithi kunye nezinye izinto ezisetyenziswa kwaye eziphathwa qho kufuneka zicocwe emva komthengi ngamnye.
- Apho kwenzekayo, abathengi kufuneka bazenzele ngokwabo iintlawulo zamakhadi, ngaloo ndlela benciphisa ukudibana nomhlawulisi.
- linkqubo ezingadibanisi ukuphatha kufuneka zikhuthazwe kwiindawo zeentlawulo.
- lintlawulo zelectroniki kufuneka zingafuni ukusayina okungaphaya kuzo naziphi iirisiti zamaphepha.
- Cinga ngokuba nomntu omnye kuphela kwithili nganye obetha kwaye apakishe impahla yomthengi. Ngenye indlela, lungiselela iithili ukuze umhlawulisi kunye nompakishi bohlukane omnye komnye.





3.13. Iikhantini okanye amagumbi ekhefu abasebenzi

- lishifti namaxesha ekhefu kufuneka zohlukaniswe ukunciphisa inani labasebenzi "kwigumbi lekhefu" okanye kwikhantini ngalo naliphi ixesha.
- Sebenzisa iziphawuli kwigumbi lekhefu ukuqinisekisa ukuba abasebenzi bohlulwe ubuncinane ngomgama oyi- $1\frac{1}{2}$ yemitha, nangexa lamakhefu eti na.
- Vula isithuba ezitafileni nasezitulweni ubuncinane be- $1\frac{1}{2}$ yemitha phakathi.
- Apho kwenzekayo (ngokuxhomekeke kwindawo ngqo yokusebenzela kunye nemozulu), khuthaza abasebenzi ukuba bachtibe amakhefu abo ngaphandle, kwaye ubakhumbuze ukuba baqhube ukuziqhelanisa nokuqeletana.
- Bonisa iimpawu ezikhuthaza abasebenzi ukuba bahlambe izandla zabo kakuhle phambi kunye nasemva kokutya, kwaye bagcine ukuqeletana omnye komnye.
- Qinisekisa ukuba kukho isitya sokuhlambela nesepha kwigumbi lekhefu ukuze abasebenzi bazisebenzise.
- Cocisia yonke imiphezulu kwaye qho.




Isikhokelo sokhusaleko emsebenzini seCovid-19



3.14. Amagumbi angasese abasebenzi nabaxumi

- Khuthaza abasebenzi nabaxumi ukuba bahlambe izandla zabo ngokubonisa uphawu olufanelekileyo.
- Qinisekisa ukuba kukho amanzi nesepha yokuhlamba izandla. linkqubo zeetephu ezingaphathwayo, okanye iitephu ezinokusetyenziswa ngeengqiniba, ziyakhethwa.
- Ungasebenzisi iitawuli zamalaphu kwindlu yangasese. Kunoko sebenzisa iitawuli zamaphepha ezinokulahlwa kumgqomo ovaliweyo (ovulwa ngephedali yonyawo).
- Qiniseka ukuba imigqomo mikhulu ngokwaneleyo ukuba igcine iitawuli zamaphepha ezininzi, uze uwuchithe qho umgqomo.
- Faka iplastiki ngaphakathi emgqomeni ukwenza kube lula ukuwuchitha.
- Abasebenzi abacocayo kufuneka bafake iiglavu xa bechitha imigqomo, kwaye bahlambe izandla zabo emva koko.
- Izindlu zangasese nezindlu zokuhlambela kufuneka zicocwe qho imini yonke - sebenzisa iphetshana lokurekhoda ukukhombisa ukuba kufuneka kuocwe rhoqo kangakanani.



24

Isixeko Sasekapa





3.15. Impahla yokusebenza

- Apho kwenzekayo, impahla yokusebenza kufuneka ishiywe emsebenzini ize ihlanje ngobuninzi, kulandela amanyatheko okhuseleko aqhelekileyo.
- Ukuba oku akwenzeki, cebisa abasebenzi ukuba bakhulule impahla yabo yasemsebenzini kwindawo yokusebenzela, bayifake eplastikini baze bahlambe izandla zabo. Impahla yasemsebenzini kufuneka ke ihlanje emanzini ashushu ekhaya.
- Apho zingekhoyo izibonelelo zokuba abasebenzi batshintshe impahla yabo emsebenzini, kufuneka bayikhulule impahla yabo msinyane nje ukuba bafike ekhaya, bayibeke kwibhaskiti yempahla ehlanjwayo evaliwego baze bahlambe izandla zabo.
- Impahla kufuneka ingavuthululwa, kuba oku kunokususa amathontsana aqulethe intsholongwane.
- Inxene engaphezulu yezihlangu kufuneka yosulwe ngesibulala ntsholongwane esinealkoholi.
- Ungaze uziphathe iisoli zezihlangu. Ukuba kukho imfuno yokuba zicocwe ezi, faka iiglavu. Khulula kwaye ulahle iiglavu wakube ugqibile ukuzicoca, uze uhlambisise izandla zakho.
- Abasebenzi kufuneka babe nempahla eyoneleyo yasemsebenzini okanye iyunifom ukwenza ukuba batshintshe impahla yonke imihla.

3.16. Ukungena nokuphuma komoya

- Yandisa ukuphuma nokungena komoya kwendalo kwindawo yokusebenza, njengokuba, kushiywe umnyango ongasemva uvuliwe (ngaphandle kokuba ukhuselwe ngeebhagla okanye isango lokhuseleko) okanye kuvulwe iifestile.
- Ukuba oomatshini bomoya bayasetyenziswa, kufuneka kube khona ubuncinane bokutshintshwa komoya kali-12 ngeyure, kwaye kungabikho kujikeleza.





3.17. Ukucocwa yonke imihla kwesiqhelo nolawulo lwenkunkuma

- Imphezulu nezinto ezisetyenziswa kwaye zipathwe rhoqho kufuneka zicocwe kwaye zibulawe iintsholongwane yonke imihla.
- Sebenzisa isepha namanzi ukucoxa iindawo nemiphezulu nanini kusenzeka. Uze ke ubulale iintsholongwane ngomxube oxutyiwego weblitshi (ama-30 ml eblitshi ngelitha e-1 yamanzi).
- Ukuba indawo ayicoceki ngamanzi, sula indawo ngononophelo ngama-70% omxube we-alkoholi.
- Izibulala ntsholongwane eziqhelekileyo ezinokusetyenziswa ziquka:
 - ibhlitshi, njenge-sodium hypochlorite (0,1%);
 - iialkoholi, njenge-ethanol (70%);
 - iikhompawundi ze-quaternary ammonium;
 - i-hydrogen peroxide (3%);
 - i-peroxyacetic acid (0,5%);
 - i-phenol, njengesepha ye-carbolic; kunye nee-iodophors, njengee-iodines (1%).
- Oomatshini abasetyenziswa ngabasebenzi kufuneka bacocwe emva kokusetyenziswa.
- Inkunkuma evela kwiziqulathi zenkunkuma kufuneka ilahlwe eplasitiki ize itywiniwe phambi kokuyilahla kwinkunkuma yonke ezokulandwa.
- Abasebenzi abaphethe inkunkuma kufuneka bafake ii glavu zokusebenza xa bechitha imigqomo yenkunkuma.
- Abo baphatha inkunkuma kunye nabacocayo kufuneka banxibe izihlangu eziqalekileyo.
- Coca indawo egcina inkunkuma yonke imihla.





3.18. Ukwamkela impahla eziphuma kubaboneleli

- Abaqhubi kufuneka bahlale kwizithuthi zabo kangangoko kunokwenzeka.
- Abaqhubi nabancedisi kufuneka bafake iimaski zamalaphu.
- Ukuqeletana kuyasebenza, naxa kusamkelwa impahla na.
- Abaqhubi nabancedisi kufuneka basebenzise isibulala ntsholongwane sezandla phambi kokuphatha nawaphi amaxwebhu okuhambisa impahla okanye iiphakheji kubasebenzi.
- Qinisekisa ukuhlanjwa qho kwezandla okanye ukubulawa iintsholongwane.



4. Ukulawula abasebenzi abosulelweyo okanye ekungenzeka ukuba bosulelwe yiCovid-19


- navirus.westerncape.gov.

Ukuba umsebenzi emsebenzini wakho wosulelwa yintsholongwane yecorona, kubaluleke kakhulu ukuhlola kwakhona ukuba yintoni enokwenziwa ukunqanda ukuba isasazeke ngokungaphaya intsholongwane, emsebenzini kunye nakwikhaya lomsebenzi owosulelekileyo kunye naye wonke umntu adibene naye.

Ukwenza oku ngempumelelo, okulandelayo kufuneka kwensiwe:

1. Ukuxhasa abasebenzi abosulelwe yi-Covid-19 kunye nokunceda ngobahlalisa bodwa
2. Ukuxhasa abanye abasebenzi kunye nokulungiselela ululeko ngqondo
3. Ukuxela usulelo kumasebe elezeMpilo neleMisebenzi
4. Ukufumanisa ukuba wosuleleke njani umsebenzi
5. Ukufumana abo anokuba ubosulele umsebenzi
6. Ukunceda ekulandelweni kwabo bekudityenwe nabo kunye nokuvalela bodwa abo bachaphazelekileyo
7. Uhlolo oluqhubayo lwabasebenzi ukubona ukubona iimpawu zosulelo lwentsholongwane yecorona olunokuba lukhona
8. Amanyathelo okuthintela naluphi usulelo olungaphaya
9. Ukuvalwa kwexeshana okunokwenziwa kwindawo yokusebenza
10. Ukuvulwa kwakhona kwendawo yokusebenza
11. Ukuocwa kwendawo eyosulelekileyo

La manyathelo kuxoxwe ngawo kumacandelo alandelayo.



4.1. Ukuxhasa abasebenzi abosulelw yi-Covid-19 kunye nokunceda ngobahlalisa bodwa

Kwiimeko ezininzi apho umntu eye wafunyaniswa osulelekile, angangabikhо emsebenzini kwaye ugqirha okanye umongikazi kungenzeka ukuba umazisile umsebenzi owoselelekileyo ngesimo sakhe seCovid-19, kunye nesidingo sokuhlala yedwa iintsuku ezili-10. La manyathelo alandelayo ngawabo bafunyaniswe bosulelekile kunye nabo bathe bagula nekungenzeka ukuba bosulelekile.

Ukuba umsebenzi usesemsebenzini

- Mohlukanise ngokukhawuleza kwabanye asebenza nabo, ukuba kuyenzeka kwigumbi elingena kwaye liphume umoya kakuhle.
- Cela umsebenzi ukuba ahlambe izandla zakhe kakuhle.
- Nika umsebenzi imaski yezonyango ukuba unayo, okanye umcele ukuba aqhube ukufaka imaski yelaphu.
- Qinisekisa ukuba umsebenzi ululekwa ingqondo kwaye umzolise ngokwaneleyo ukuba alandela imiyalelo.
- Mncede umsebenzi ukuba alandele icebo leSebe lezeMpilo

ngokuphathelene nokuhlala yedwa.

- Nceda ekufumaneni ukuba ingaba umsebenzi angazihlalela yedwa ngempumelelo, okanye kufuneka abekelwe bucala kwiziko likarhulumente. Ukuba kufuneka iziko likarhulumente, tsalela kumnxeba weSebe lezeMpilo leNtshona Koloni: **021 928 4102** okanye u-imeyile **ku-WorkplaceCovidReporting@westerncape.gov.za**.
- Thatha isiggibo sokuba ingaba umsebenzi uyakwazi na ukuhamba aye ekhaya okanye kwiziko lokubekelwa bucala likarhulumente ungekho umngcipheko wokosulela abanye abantu (umzekelo angahambi ngesithuthi sikawonke-wonke). Ukuba akunjalo, mncede ngesithuthi esikhuselekileyo umsebenzi.

Ukuba umsebenzi usekhaya okanye ukwiziko lokukhwarantina

- Mncede umsebenzi ukuba alandele icebo leSebe lezeMpilo ngokuphathelene nokuhlala yedwa ukukhusela usapho, abahlobo noogxa bakhe.




- Nceda ekufumaneni ukuba ingaba umsebenzi angazihlalela yedwa ngempumelelo, okanye kufuneka abekelwe bucala kwiziko likarhulumente. Ukuba kufuneka iziko likarhulumente, tsalela kumnxeba weSebe lezeMpilo leNtshona Koloni: **021 928 4102** okanye u-imeyile ku-**WorkplaceCovidReporting@westerncape.gov.za**.
- Yenza amalungiselelo afanelekileyo ekhefu lokugula leentsuku ezili-10 ezo umsebenzi angakwaziyo ukuba khona ngazo emsebenzini. Kuthathelo ingqalelo ukuba eli bubuncinane bexesha elicetyiswayo lokuzihlalela wedwa - linokuba lide

kuneli, ngokuxhomekeke ekubeni ugula kangakanani umsebenzi kwaye kufuneka unyango olungakananani.

Ukongeza

- Bonelela ngenkxaso yoluteko lwengqondo ngenkqubo yoncedo lwabasebenzi (iEAP) yasemsebenzini wakho, inkqubo yempilontle yabasebenzi okanye ngogxa othenjiweyo.
- Ukuba kunokwenzeka ukuba usulelo lwenzeke ngenxa okanye ngexesha lokwenziwa kwemisebenzi yasemsebenzini, ibango lembuyekezo lomsebenzi kufune ligcwaliswe.






4.2. Ukuxhasa abanye abasebenzi kunye nokulungiselela ululeko ngqondo


- Qinisekisa abasebenzi ukuba uyamelana nesimo ulandela icebo leSebe lezeMpilo, kunye nokuba uxhasa umsebenzi owosulelekileyo.
- Yazisa inkqubo yoncedo lwabasebenzi (iEAP) yombutho wakho, icandelo lempilo nokuphila okanye inkonzo yempilo yasemsebenzini ukuba bancede ngokukhawuleza kwaye banyuse uhlolo osele luhkona, ululeko ngqondo, nenxaso yengqondo kubasebenzi abachaphazelekileyo emsebenzini. Ngenye indlela, nyula ugxa othembekileyo ukuba anike inkxaso noluleko ngqondo kubasebenzi.
- Yazisa abasebenzi ukuba i-EAP yasemsebenzini wakho, icandelo lezempilo okanye inkonzo yempilo yasemsebenzini baza kube bebahlola ukumisela ukuba sesichengeni okunokuba khona kwintsholongwane, kwaye bay a kucebisa ukuba ngawaphi amanyathelo angaphaya amawathathwe.
- Cingela ukuphila ngokwasengqondweni kwabasebenzi kunye namanganaba oxinzelelo. Ungaluthatheli phantsi uxinzelelo olunokwehlela abasebenzi xa bejongene nogxa owosulelekileyo kunye nokuba nokwenzenka kokuba nabo bebesesichengeni ngokwabo.
- Yiba nesicwangciso sonxibelewano esisebenzayo ukuqinisekisa ukuba abasebenzi bafumana ulwazi oluchanekileyo.



4.3. Ukuxela usulelo kumasebe elezeMpilo neleMisebenzi


- ISebe leSizwe lezeMpilo liyaziswa ngabo bonke abantu abafunyaniswe ngovavanyo beneCovid-19 oko kusenziwa ngeendlela zokuxela zaselebhу. Nakuba kunjalo, ngenxa yokulibaziseka ekuxeleni, umsebenzi unokwazi ngolosuleleko lwakhe phambi kokuba laziswe iSebe leSizwe lezeMpilo.
- Ngoko ke, umqeshi kufuneka aluxele ulosuleleko kwiziko loncedo ngeCOVID-19 lePhondo ku-**021 928 4102**, i-imeyile **WorkplaceCovidReporting@westerncape.gov.za**, okanye uxele ku-<https://coronavirus.westerncape.gov.za/reporting-covid-19-workplace>.






4.4. Ukufumanisa ukuba wosuleleke njani umsebenzi

- Umsebenzi kunokwenzeka ukuba wosulelwwe ngabo asebenza nabo, iimanejala, abathengi okanye umntu kwikhaya lakhe okanye abo asondelelene nabo. Ngoko ke, kubalulekile:
- ukunceda umsebenzi akhumbule ukuba ingaba ebedibene naye nabani na obeneempawu zosulelo lomqala nolwesifuba, olungumkhuhlane, ukukhohlela, umqala obuhlungu kunye nephika; kwaye
- akhethe ngqo phakathi kwabasebenzi kunye neendwendwe eziza qho emsebenzinii nabani na oneempawu ezidweliswe ngentla. Phakathi kwezi inokuba ngum(aba)ntu owo(abo)sulele umsebenzi kwaye kusenokwenzeka ukuba usasaza intsholongwane engazi phakathi kwabo asebenza nabo, iindwendwe kunye nabathengi.
- Ukufumana inkxaso yabasebenzi bempilo nokhuseleko emsebenzini benkampani yakho ukunceda ukufuna abo bekudityenwe nabo. Yenza uluhlu lwabo bonke abasebenzi kunye nabanye abantu abaneempawu, njengoko beza kufuna ukubahlola ukwenza isiggibo sokuba ingaba kufuneka bavavanyelwe intsholongwane yecorona na. Quka amagama abo, iifani, iinombolo zoqhagamshelwano needilesi, apho kwenzekayo.
- Ngokuxhomekeke ekubeni ngabasebenzi abangaphi ababandakanyekayo, kunokuba yimfuneko ukuvala indawo yokusebenzela okwexeshana ngexa olu phando lusaqhuba. (Jonga kwicandelo 4.9) ngeenkukacha ezithe vetshe ngokuphathelene noku.)



4.5. Ukufumana abo anokuba ubosulele umsebenzi

- Nabaphi na abantu abangabanye adibene nabo umsebenzi ngokusondeleyo ukususela ekuguleni kwakhe nabo abanokuba nesifo kananjalo kwaye kufuneka bohlulwe kwabo basebenza nabo kunye nabathengi (ukuba bakhona) ngokuyozivalela bodwa.
- Cela umsebenzi abaxele abo ebedibene nabo ngokusondeleyo (njengokudibana ubuso ngobuso kwimitha e-1, okanye ukuba kunye kwisithuba esivalelekileyo) kwiyyure ezingama-48 eziphambi kokuqlala kophawu. Aba inokuba:
 - ngoogxa bakhe emsebenzini;
 - ziindwendwe kwindawo yokusebenza;
 - abathengi besiqhelo;
 - ababoneleli ngeenkonzo;
 - abamelwane;
 - abo akhwela nabo;
 - abantu kwiindibano zasekuhlaleni; kunye
 - namalungu osapho.
- Buza kananjalo abo asebenza nabo ukuba bayakhumbula na bedibene ngokusondeleyo nomsebenzi ukususela ekubeni egulile.
- Cela abasebenzi bempilo nokhuseleko emsebenzini benkampani yakho okanye umntu okhethiweyo wemicimbi enxulumene nabasebenzi ukuba akuncede ukufuna kunye nokulawula abo bekudityenwe nabo.
- Yenza uluhlu lwabo bonke ebekudityenwe nabo emsebenzini (kunye nakwenye indawo), njengoko banokuba sebe zivalele bodwa ukuthintela ukusasazeka okungaphaya. Quka amagama abo, iifani, iinombolo zoqhamshelwano needilesi, apho kwenzekayo.
- Ngokuxhomekeke ekubeni ngabasebenzi abangaphi ababandakanyekayo, kunokuba yimfuneko ukuvala indawo yokusebenzela okwexeshana ngexa olu phando lusaqhuba. (Jonga kwicandelo 4.9) ngeenkukacha ezithe vetshe ngokuphathelene noku.)




4.6. Ukuthumela bonke abo bakufutshane bachaphazelekileyo kwiindawo zokukhwarantina

- Ulosuleleko kufuneka luxelwe kwamsinya emva kokuba umsebenzi esazi ngalo(ngokwecandelo 4.3).
- Nceda unike ikhefu elifanelekileyo elikhethekileyo leentsuku ezili-14 abo basebenzi kufuneka baye kwiindawo zokukhwarantina.
- Ukukhwarantina okanye ukubekelwa bucala yindlela yokohlula abo basemngciphekweni wokosulelwa yiCovid-19 kwabanye abantu ngeenjongo zokuthintela intsholongwane ukuba isasazeke kakhulu. Oku kuqhele ukwenzeka kwiintsuku ezili-14 ukusukela kumhla wokudibana kwabo nalo mntu owosolelekileyo.
- Ngokuxhomekeke kwimeko zabo zasemakhaya, abasebenzi banokubekelwa bucala ekhaya okanye kwiziko lokukhwarantina.
- Ukuze bavunyelwe ukuba bakhwarantine ekhaya, kufuneka babe negumbi abanokuzihlalela kulo bodwa, bangahlali nabanye abantu endlini.
- Ngokuxhomekeke ekubenii ngabasebenzi abangaphi ababandakanyekayo, kunokuba yimfuneko ukuvala indawo yokusebenzela okwexeshana ngexa abasebenzi basazivalele bodwa. (Jonga kwicandelo 4.9 ngeenkukacha ezithe vetshe ngokuphathelene noku.)
- Amashishini angatsalela umnxeba wephondo woncedo nge-Covid-19 ku-**021 928 4102**.



Isikhokelo sokhusaleko emsebenzini seCovid-19

35




4.7. Uhlolo oluqhabayayo lwabasebenzi ukubona ukubona iimpawu zosulelo lwentsholongwane yecorona olunokuba luhkona

- Kunokwenzeka ukuba abanye abantu ebebedibene nomsebenzi khange bakhonjwe ngexa lweenkqubo ezichazwe ngentla. Aba bantu kusonokwenzeka ukuba basesebenza, kwaye basengozini yokosuleleka. Kananjalo, abantu abathile banokosulelwya yiCovid-19 bengabonisi naziphi na iimpawu, bagule kuphela kamva.
- Abasebenzi abathile banokuza emsebenzini nokuba baneempawu. Ngoko ke, abaphathi kufuneka babuze abasebenzi ngazo naziphi iimpawu abanokuba banazo, yonke imihla phambi kokuqala ukusebenza. (Jonga icandelo 3.1 ngeenkukacha ezingaphaya ngohlolo lwemihla ngemihla lwabasebenzi.)
- Qiniseka ukugxininisa ukuba abasebenzi kufuneka bangezi emsebenzini ukuba banazo naziphi iimpawu, kodwa kufuneka bahlale emakhaya kwaye bakuxele oku kubaphathi babo.
- Abasebenzi banokutsalela kananjalo umnxeba **woncedo weCovid-19 ku-021 928 4102** ngeengcebiso zokuba bangayilawula njani imeko yabo ekhaya.
- Ukuba abasebenzi baziva engaphilanga ngexa losuku lokusebenza, kufuneka bahlolelwwe iimpawu kwakhona kwaye baphathwe ngokufanelekileyo.


36

Isixeko Sasekapa



4.8. Amanyathelo okuthintela naluphi usulelo olungaphaya


- Yonke imimandla yokusebenza emsebenzini apha abasebenzi abafunyaniswe beneCovid-19 basebenze kuyo okanye bayityeleleyo kufuneka icocisiswe ngesepha namanzi, ize ke yosulwe ngomxube oxutywe neblitshi (ama-30 ml ebhlitshi ngelitha yamanzi ukwenza i-0,1% yomxube).
- Ukuba indawo ayicoceki ngesepha namanzi, kufuneka yosulwe ngononophelo ngesibulala ntsholongwane.
- Izibulala ntsholongwane eziqhelekileyo ezinokusetyenziswa ziquka:
 - iblitshi, njenge-sodium hypochlorite (0,1%);
 - iialkoholi, njenge-ethanol (70%);
 - iiikhompawundi ze-quaternary ammonium;
 - i-hydrogen peroxide (3%);
 - i-peroxyacetic acid (0,5%);
 - i-phenol, njengesepha ye-carbolic; kunye
 - nee-iodophors, njengee-iodines (1%).
- Indawo eza kucocwa iza kuhambelana nemeko nganye kwaye inokuquka ikhitshi, igumbi labasebenzi, inkantini, izibonelelo zendlu yangasese, iitroli, iiqbaskithi, imiqheba yeengcango, iindawo zokusebenzela, iminxeba, iiqhomyutha noomatshini bokubala.
- Ukuba ngaba kufuneka kucocwe kwaye kubulawe iintsholongwane iindawo zemiphezulu emikhulu kunye nezinto ezininzi, indawo yokusebenzela kunokufuneka ivalwe okwexeshana ukuze oku kwensiwe. (Jonga kwicandelo 4.9) ngeenkukacha ezithe vetshe ngokuphathelene noku.)
- Landelani ngokungqongqo izikhokelo eziwelwe kumacandelo 1 ukuya ku-3 ukuthintela usulelo lweCovid-19. Jonga kananjalo kwicandelo 4.11 ngeenkukacha ezithe vetshe ngokucoca kunye nokubulala iintsholongwane.



4.9. Ukuvalwa kwexeshana okunokwenziwa kwindawo yokusebenza




- Isabe lezeNgqesho neMisebenzi linokucebisa ukuba indawo yokusebenzela mayivalwe okwexeshana ngenxa yokungathobeli umthetho wempiro nokhuseleko emsebenzini.
- Kuzo zonke ezinye iimeko, indawo yomsebenzi okanye icandelo lendawo yomsebenzi kunokufuneka ivalwe okwexeshana ukuba:
 - inani elininzi labasebenzi belidibene nelungu okanye umsebenzi oneCovid-19, kwaye kuya kuthatha ixesha ukuphanda kunye nokumisela ukuba ingaba kuza kufuneka bavalelwwe bodwa na okanye hayi;
 - indawo enomphezulu omkhulu kunye nobuninzi bezinto ekufuneka zicocwe, oko okuya kufuna ixesha elithile ukukugqiba;
 - inani elikhulu labasebenzi bafunyaniswe bene-Covid-19 kwaye kufuneka bahlaliswe bodwa, oko kushiya inani elingonelanga labasebenzi abanokuqhoba nemisebenzi; kunye/okanye



- abasebenzi abaninzi bephelele bafunyaniswe ukuba bebedibene nomsebenzi owoSulelekileyo, kwaye kufuneka bavalelw e bodwa, oko kushiya inani elingonelanga labasebenzi abanokuqh u huba nemisebenzi.
 - Inkcazo "yobuninzi" iza kungqala ngqo kuhlobo kunye nesithuba sokusebenza, kwaye kufuneka kumiselwe ngokudibene neqela leSeBe lezeMpilo.
 - Ukuvalwa kwexeshana kwendawo yokusebenza kunokuthintelwa ngoku:
 - ukucoca nokubulala iintsholongwane qho kwimiphezlu kunye nezinto ezosulelekileyo;
 - ukugqitywa kwangexesha kokuhlolwa kwabasebenzi abangekosuleleki okwangoku;
 - kwakube kugityiwe ukubulawa kweentsholongwane, ukuziswa kwabasebenzi abavela kwamanye masebe ukuba bangene endaweni yabo bahlaliswe bodwa nabazivalele bodwa, kodwa kananjalo kuthintelwa ukuhamba
- ngesikeyle esikhulu phakathi kwamasebe kweli thuba lifutshane (njengokuba abasebenzi abaziswe ukuba basebenze kwisebe basebenze kwisebe elinye kuphela ngexesha elikwithuba eliphakathi);
- ukuqeshwa kwexeshana kwabasebenzi abafanelekileyo abanezakhono ukuba bangene kwindawo yabo bazihlalele okanye bazivalele bodwa;
 - ukulandela ngononophelo amanyathelo achazwe kumacandelo 1 ukuya ku-3 ukukhusela abasebenzi kusulelo lweCovid-19; kunye
 - nokuqequesha abasebenzi ngendlela yokuthintelwa ukusasazeka kweCovid-19.





4.10. Ukuvulwa kwakhona kwendawo yokusebenza

- Ukuze ivulwe kwakhona indawo yokusebenzela, kufuneka kwensiwe ubuncinane le mimiselo ilandelayo:
 - Uhlobo lweemeko ezikhokelele ekubeni sesichengeni sentsholongwane yekhorona komsebenzi
 - Inkcazo yamanyathelo aza kuthathwa ukulungisa naziphi iintsilelo zothintelo ezifunyanisiwego ngexa lohlolo
 - Uqequesho olupheleleyo (noqequesho lokukhumbuza) kubasebenzi ngothintelo lweCovid-19
- Ukucoxa kunye nokubulala iintsholongwane kuyo yonke imiphezulu kunye nezinto ebezingcolisekile
- Ingxelo yohlobo oluqhutyiweyo kunye nawo nawaphi amanyathelo okulungisa athathiweyo
- linkqubo zokuphumeza yonke imisebenzi yothintelo exelwe ngentla
- Ukuba indawo yokusebenza ibivaliwe ngomyalelo womhloli ovela kwiSebe leNgqesho neMisebenzi, ukuthobela okusesikweni kufuneka kuboniswe phambi kokuba indawo yokusebenza ivunyelwe ukuba ivule kwakhona.



4.11. Ukucocwa kwendawo eyosulelekileyo

- Coca yonke imiphezulu kunye nezinto ekunokwenzeka ukuba lowo okanye abo bosulelekileyo bebekhe babamba kuzo.
- I-PPE elandelayo kufuneka inxitywe ngexa lokucoca:
 - liglavu ezomeleleyo zerabha
 - limaski zobuso
 - ilihelmethi okanye iigoglizi
 - lifaskoti
 - Izihlangu ezivalekileyo
- Imathiriyeli elandelayo kufuneka isetyenziswe xa kucocwa kwaye kubulawa iintsholongwane:
 - Phambi kokubulawa kweentsholongwane, sebenzisa isepha eluhlaza yasendlini kunye namanzi ukucoca bonke oomatshini kunye nemiphezulu engqongileyo enokumelana nayo (umzkl. iindonga, imigangatho, iiplayindi nemiphezulu).
- Uze ke ubulale iintsholongwane koomatshini nemiphezulu usebenzisa ama-30 ml (okanye iitisipuni ezintandathu) zebhlitshi ngelitha enye yamanzi.
- Ukuba indawo ayicoceki ngesepha namanzi, sula indawo ngomxube oyi-70% we-alkoholi.
- Abasebenzi abacocayo kufuneka bahlambe izandla zabo ngesepha namanzi ngaphambi nasemva kokucoca.
- Konke ukucococa kufuneka kugxile ekucoceni imiphezulu nezinto ezipoloko zipathwa (ezifana neziphatho zamacango, iikey pads neekey board, nezinye). Kwmisebenzi emininzi akukho sidingo sokucoca ngeekhemikhali ezitshizwayo, eziyinkungu okanye ezingumphunga.
- ISebe lezeMpilo laseNtshona Koloni alikukhuthazi okanye alikufuni nganto ucoceko oluquka iikhemikhali ezitshizwayo, eziyinkungu okanye ezingumphunga okanye isebe eli alifuni nganto 'isatifiketi sokucoca'.



5. Izikhokelo ngqo zamacandelo awohlukeneyo

Ngezikhokelo ngqo zamacandelo alandelayo, ngena ku-<https://coronavirus.westerncape.gov.za>:

- lindawo zokusebenza ezisezi-ofisini ekungafikeleli uluntu kuzo
- libhanki, iiposi nee-ofisi zikarhulumente ezinceda uluntu
- Izithuthi zikawonke-wonke
- Izithuthi ze-E-hailing (i-Uber, Bolt, njl. njl.) kunye neeteksi zabucala
- ligaraji
- livenkile ezinkulu zorhwebo
- livenkile zempahla
- Urhwebo lasezitratweni neevenkile ezincinane
- linkonzo ezenza ukudibana kuthathe ixesha elide (iindawo zokulungisa iinwele, ii-spa, abalungisi beenzipho, abaphululi bemizimba, njl. njl.)
- Ezokwakha
- Ezokuvelisa
- Ezolimo
- lifasiliti zokhathalelo namakhaya abadala
- Izikolo neekritshi







Ngayo nayiphi na imibuzo, ungabuza
Invest Cape Town ngokusebenzisa
lamaqonga alandelayo:



- Nge-intanethi ku-www.investcapetown.com
- Imeyile info@investcapetown.com
- Umnxeba **021 417 4043**



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.